

Phambili!

Vorentoe/Forward



Indaba 5/2011

Agasti 2011

INQAKU LOMHLELI

Yahlukana ngoku nokudlala ngexesha!

Masiphinde sinamkele kwakhona nakolu uhlelo.

Amangomso asa esihogweni! Ngamany' amazwi, yahlukana nokukhetha ukwenza izinto ezingabalulekanga kuyaphi, kodwa khetha ukwenza izinto ezibaluleke kakhulu ebomini xa uze usebenzise elo xesha ekwenzeni izinto ezibaluleke kakhulu, nangona zingenamtsalane, kodwa eziyinzuzo ebomini!

Iingqanga ezifana noTat' uMadiba zasihlahlel' indlela ukuze sizeke mzekweni nathi. Kutheni ungaxelisi lo mzekelo mhle oxeliswa lihlabathi liphela?

Ngomhla we-18 kuJulayi sibhiyozele usuku lokuzalwa kukaMadib' omde. IZizwe Ezimanyeneyo ziye zanikezela usuku lwakhe lokuzalwa kuluntu ukuze lwenze into, lungenzeli yena, kodwa lwenzele abanye abantu. Wancama ixesha lakhe ukuze aqinisekise ukuba isizwe siyamanzana, ukuze abantu bangajongi ibala lomnye omntu yaye bathandane ngokungazenzisiyo.

UNelson Mandela wanikela ngeminyaka yobomi bakhe engama-67 ekulwelweni amalungelo oluntu. Ngenxa yoko, ngomhla we-18 kuJulayi wama-2011 – usuku lokuzalwa lweminyaka engama-93 kaNelson Mandela – mbombo zone zomhlaba abantu baye babonakalisa ukuzinikela kwabo ngokusebenzisa imizuzu engama-67 ekuncedeni uluntu nasekuncedeni ekwakheni u-moya wobudlelwane olulutho ehlabathini.

Ukuba lo moya siba nawo xa sisibenza, siya kutsho siyeke ukumbombozela size sinciphe umntu oswele uncodo. Ekugqibeleni loo nto iza kukwenza nawe uzive wonwabile.

Ukuze ube ngungqa-phambili ebomini, qala uzihlale wena siqu. Loo nto ke iya kukwenza ubone into ekusafuneka uyenzile. Ukuze uphucule kuloo nto, yenza izifundo eziyimfuneko ukuze uphuhlise ulwazi nobuchule bakho okanye uye kwiinkonde neenkondekazi uze uzincede kangangeyure enye nje kuphela. Okanye ukhe uyeke la maxesha eti engenasiphelo nexesha elide gqitha lezidlo zasemini uze ulisebenzise kwiinto elulutho elo xesha.

Nali ke elam icebiso kuwe, ukuba ufuna impumelelo, ufanele uchithe umzuzwana ngamnye wexesha lakho ekwenzeni izinto ezibaluleke kakhulu neziyinzuzo.

Yonke imihla, mzuwana ngamnye khawuzibuze: "Yiyiphi eyona nto iyzuzo endifanele ndiyenze ngalo mzuzu?" Sukuma uyenze ke! Ekugqibeleni uya kuyifumana impumelelo.

Yeka ukuzibekela amangomso izinto, yenza ngoku!

De kube lixesha elizayo!

NOLUTHANDO ZWENI
UMHLELI



ULUHLU OLUNGASEMVA UKUSUKA EKHOHLO: nguJustin Solomons, uMarquine Lukas, uCeleste Seconna, u-Ashey Swartz, uSophie Bala, uShantal Maree, uPrisca Ndlela, uRita Neethling, uMarion Baardman, u-Elzeen Charles, u-Audrey Jimlongo, uCheslin Swartz, uMaureen Dickson kunye noZusara Lourens. Uluhlu olungaphambili ukusuka ekhohlo: nguLionel Marinus, uRomeo Stevens, u-Angelo Ford, uJames Opperman (ekunene ngaphambili) kunye noLeslie Figaji. Abangekhoyo apha: ngu-Antoinette Geldenhuys, uHanlie Bruwer, uJonty Kesner kunye noCarmen Nel.

UBUSUKU BOTHWESO-ZIDANGA LWAMAGOSA EZEMALI

Ukusebenza nzima kweqela loogxa bethu abangama-23 kuzele amaduna namathokazi kubumenyemenye bethoko lothweso-zidanga ngoMgqibelo umhla wama-23 kuJulayi kwiZiko lee-Nkomfa lamaZwe ngamaZwe laseKapa, apho amagosa oomasisipala amalungana nama-300 aphuma mbombo zone zeNtshona Koloni ethe afumana iziqinisekiso zawo kwiLocal Government Accounting.

Esi sisiqinisekiso esifunekayo kumagosa ezemali kamasipala ngokwemithetho kaNondyabo kaZwelonke. Ehlinzeke ngemali kolu qeqesho ibe yiLocal Government SETA yaye olu qeqesho

lwaqala ngo-Apreli nyakenye ngeeseshoni ezinde zeentsuku ezintathu ngenyanga eziqhuba de kwangu-Apreli nonyakanje.

Ezi zifundo zithe zachankatha ekubhaleni ingeniso neerisithi, ekwenzeni nasekubhaleni iintlawulo, ekusebenzeni ngeekhompyutha, ubugcisa beencwadi zemali nezimilo zomsebenzi.

Imisebenzi yesikolo kunye neemviwo bebenza kunye nemisebenzi yabo yesiqhelo.

Amathuba emfundo ebhekele phaya kwimicimbi yezemali ayafumaneka yaye siyabakhuthaza oogxa bethu ukuba bawa-xhakamfule.

UMASIPALA WASE-OVERSTRAND UFUMANA IMBASA YEGIS YAMAZWE NGAMAZWE

UMasipala wase-Overstrand ufumene imbasa "Yomsebenzi Osemagqabini kwiGIS" (SAG) kwi-2011 ESRI International Users Conference (IUC) eSan Diego, eKhalifoniya, e-USA. Le mbasa inikwa abasebenzisi beesayithi ehlabathini jikelele ngenjongo yokubancoma ngomsebenzi osemagqabini wobugcisa beNkqubo yeNkcazelo yoKuma koMhlaba (GIS). I-IUC ibizinyaswe ziindwendwe ezili-15 000 nebezivela kumazwe ali-126.

Xa ebedlulisela le mbasa kuMasipala wase-Overstrand, uMnu. uJack Dangermund,

uMongameli we-ESRI, uthe "intlangano yenu iye yabalasela kwezinye ezili-100,000".

Le projekthi ibandakanye uphuhliso lobugcisa beGIS kumasipala, ukufakwa nokukhutshwa kwenkcazelo, ukuyilwa koozimba benkcazelo, ukuphuhlisa migaqonkqubo neenkqubo, ulawulo lweeprojekthi ezibandakanya inkcazelo yesithuba nokusetyenziswa kobucilo-cilo bebwebhu.

Iqela leprojekthi belibandakanya uStephen Muller (uMlawuli: weziSeko zoPhuhliso noCwangciso), uGlenn Stavridis (uMphathi weGIS), uLee-Ann Rauch



ULee-Ann Rauch kunye noStephen Muller abebesuka kuMasipala wase-Overstrand kunye noMongameli we-ESRI uJack Dangermund (osembindini) kwiimbasa zeSAG

(iNgcali ePhezulu yeGIS) kwano-Ashley Gahl (iNgcali yeGIS).

KUFUNeka SIQAPHELE UKHUSELEKO

Ubuselela, iinkcitho, ukonakaliswa kwezinto, ukuzifikisela kwizinto zeBhunga nokunye ukonakaliswa kwempahla nezinto zalo kulityabula kanobom iBhunga ngokwase-pokothweni. Ezi ziganeko ziphumela kwilahleko engathethekiyo nokuhla komgangatho wokuhlanjiswa kweenkonzo, ukudodobala kwemeko yomsebenzi nokukrokelana nokungathembani phakathi kwabasebenzi nabahlawuli beerhafu, utsho uMnu. uNeville Michaels, uMlawuli weeNkonzo zoKhuselo.

Unoluvo lokuba luxanduva lomsebenzi ngamnye ukuqinisekisa ukuba iindawo abasebenza kuzo kwanommandla kaMasipala wase-Overstrand ukhuselekile. Loo nto ke iza kufuna ukuba umba wezokhuseleko ungasukunyelwa nje kuphela xa kukho into eyenzekileyo kodwa izinto zinqandwe zingekenzeki.

Abasebenzi abaxhalatyiswe lukhuseleko kwiindawo abakuzo bafanele bathethe ngoko nangoko nabaphathi babo. Abaphathi banokuqhagamshelana nentloko yoNyanzeliso loMthetho neeNkonzo zoKhuselo nangaliphi na ixesha. Yona iya kuthi ke inikezele ngongcedo neengcebiso malunga nokuqhawalela kokhuseleko, neenqubo zokhuseleko ezinjengeentsimbi zokuthintela uqhekezo, izixhobo zokulwa nemililo, ii-alamu, njl.

Ukuze kucuthwe ilahleko ngenxa yeengxaki zokhuseleko nokudala imeko yomsebenzi ekhuselekileyo nethandekayo, kufuneka sizikhumbuze ngala manyathelo alandelayo asisiseko okhuseleko ngokuthi siqiniseke qho ukuba siyawenza:

- Ukuqinisekisa ukuba indawo esisebenza kuyo siyigcina ibethwa ngumoya yaye ingafixani kude kube nzima nokuhamba oku kwaye inkunkuma siyise kwiindawo zayo.
- Abantu abangasebenzi kwamasipala abazula kwiindawo zemisebenzi kufuneka

uzame ukuqonda isizathu soko, xa kunokwenzeka, uqinisekise ukuba abangeni kwiindawo zokusebenzela. Ungaze ushiye abantu abangasebenzi apha bazihambele bodwa.

- Gcina izinto zakho ezixabisekileyo, ezifana nezitshixo, iibhegi zamanenekazi kunye namaxwebhu etshixelwe ngamaxesha onke: Ungathembeli nje kwiinkqubo zokhuseleko; kunoko buthintele nawe ubusela.
- Ungaze ushiye imali okanye amaxwebhu axabisekileyo nayimfihlo odwa. Amaxwebhu anjalo wanike kuphela abantu abagunyazisiweyo, emva koko ke, ukubhale phantsi oko. Xa kunokwenzeka, gcina amaxwebhu ambalwa kakhulu kwiindawo osebenzela kuyo.
- Qinisekisa ukuba iindawo zokuphuma ngexesha lemililo ziphawulwe ngokucacileyo kwaye ngalo lonke ixesha zigcinwa kungekho zinto zixabileyo apho. Qinisekisa ukuba iingcango zemililo zihlala zivaliwe ingakumbi emva komsebenzi wosuku.
- Qinisekisa ukuba zonke izixhobo zokulwa imililo ziyafumaneka, futhi ziphawulwe yaye zikufuphi kwiindawo yomsebenzi kwaye zihlolwe kanye ubuncinane ngonyaka. Bonke abasebenzi bafanele baqhelane nendlela ezisetyenziswa ngayo.
- Emva kosuku lomsebenzi, hloani ngokusesikweni ukhuseleko nize uqinisekise ukuba zonke iifestile neengcango zivaliwe, i-alamu efanelekileyo isetiwe yaye zonke izixhobo zombane ezifana nezifudumezi (heaters), izibane zase-ofisini, njalo njalo, zicinyiwe.
- Bazi abantu abasebenza de kudlule iinyure zomsebenzi, ingakumbi iikontraka, uze wazise oonogada ngabo.

UHLALA UPHUMELELA NGOSUKU LWEMPILO-NTLE

Iziganeko zoSuku lweMpilo-Ntle ngomhla we-19 ukuya kowama-21 kuJulayi eGansbaai, eHermanus naseKleinmond ziphindile kwakhona zaxhaswa kakhulu ngabasebenzi bangaphandle, nangona abasebenzi basezi-ofisini bebenonakala bevundlile bona.

Kodwa abo bebesoyika kuba becinga ukuba mhlawumbi indlela abaphila ngayo isenokuba iyichaphezele impilo yabo akwaba bebezile kwaye ngebemke nehaso lokuba ngamalungu eziko lokuzilolonga. Okokuqala ngqa kwezi ziganeko, kunikwe abanini bamaziko okuzilolonga, iingcali zokutya kunye nabanini beemveliso zamachiza ezempilo ithuba lokuba bakhuthaze abantu beenkonzo kwaneemveliso zabo.

UMatthew Browne wePro Active Gym uthe unabantu abaninzi abanomdla kwiziko lakhe lokuzilolonga kwaye ukwathe uyavuya kuba eye wamenywa ukuba athethe ngeziko lakhe.

ULiezel Jordaan, ingcali yokutya kule dolophu, naye ukuvuyele ukuzazisa ebantwini yaye uChrisna Dollman ufumene inani elihle lee-odolo zemveliso yakwa-GNLD.

Ngokutsho kukaMongikazi uHeleen Mouton, umongikazi kuMasipala wase-Overstrand, bebonke ngabasebenzi abangama-319 abathe bazimasa ezi ziganeko. La manani ke ami ngolu hlobo:

- IGansbaai: ngama-66 (ama-21 anezibonelelo zonyango & ama-45 akanazo izibonelelo zonyango)
- IHermanus: li-160 (ama-67 anezibonelelo zonyango yaye ama-93 akanazo izibonelelo zonyango)
- IKleinmond: ama-93 (i-18 linezibonelelo zonyango yaye ama-75 akanazo izibonelelo zonyango)

Bangama-396 abasebenzi abanezibonelelo zonyango, kodwa li-106 kuphela elithe lazimasa uSuku lweMpilo-Ntle.

Njengesiqhelo uBonitas, uSamwumed kwanoKeyhealth baye balinganise uxinezeleko lwegazi, iswekile egazini, amafutha egazini kwanobunzima bomzimba, kwanakwabo bangengomalungu abo.

Ugqirha wamhlo uS.J. van Heyningena uyavuyele amhlo ngesisa.

Ungaphoswa ke kulo uzayo unyaka!



Dywilisi Nyangiwe and Hendry Gudu from Kleinmond



Ella Windvogel from Gansbaai



Agnus Maphasa from Gansbaai



Ntombi Mtholo from Hermanus

USEMPILWENI KANGAKANANI?

Uyalithanda ela nqatha likwiqatha lakho lenyama? Ingaba uba ngowokuqala ukuthi ngqee uye kwivenkile ethengisa ukutya okuphekiweyo ukuya kufumana isidlo sakho sasemini okanye mhlawumbi uzicinelwa ipakethe yamashwamshwam okanye iilekese kwidrowa esekuqaleni yedesika yakho?

Ngomhla wama-20 kuJulayi iBonitas, iKeyhealth kunye neSamwumed ziphinde zafika ukuze zisivule amehlo sibone le nto siyiyo ngaphakathi. Ezi zibonelelo zonyango zeza kunceda ngokuhlola uxinezeleko lwegazi, amafutha asegaizini, iswekile nezinye. Sibabuze imibuzo baza basipha iimpendulo zobuhlobo neziluncedo.

Kuninzi lwethu iimpendulo bezincomeka aye zikhuthaza. Masiyibambe ngolo hlobo ke singayiyeki! Endaweni yala pakethe yamashwamshwam mayibe zii-nuts okanye amandongomane endaweni yezibiliboco ezihluhluzela amafutha mayibe ziziqhamo ezitsha kunye nesonka esineenkonzo zengqololwa mhlawumbi. Zisuse iikomityi zekofu ibe zibhotile zamanzi endaweni yazo. Ngokwenjenjalo asongi nje imali, kodwa sikwababekela umzekelo omhle abantwana bethu ngelixa sisempilweni kwangaxesha-nye.

- NguMarzanne Thoresen



Marzanne

UVUYO NO SIZI

PHAKATHI KWETHU

- Okwesihlandlo sesibini uWendy Bergendahl uza kuphinda abe ngumakhulu.
- ULorion du Plessis uya kwikhefu lokubeleka.
- USantie Reyneke uganelwe ukutshata!
- IQela loku-1 ebeliye kwizifundo zeMFMA, lonke libonakala LIDI-NWE LIYIMFE.



Wendy



Lorion



Santie



IGOSA LEZENDLELA ELILALELA LIZENZELA IGAMA

Igosa lezindlela elilalela u-Edwina Pieters uthathe inxaxheba kumboniso wefashoni kwiHolo iMoffat ngomhla woku-1 kuJulayi ebonisa ngezinxitywa ebusuku nasemithatweni ezisikwe nguNkszn. uL. Esau, oqeshisayo ngezi lokhwe. U-Edwina usibonise ukuba akalonenekazi nje elinxiba iyunifomu yomthetho kodwa singahle simbene ngeny' imini ethwele isithsaba soonobuhle. Ukuze ufumane inkcazelo engakumbi ngokuqesha ezi lokhwe, nceda uqhagamshelane noNkszn. uL. Esau apha 074 939 8525 / 078 427 0082.



LIEZEL'S BABY BOY

Ngomhla we-9 kuJuni wama-2011 uLiesel du Preez wolawulo lwabanikezeli beenkonzo uzele usana oluyinkwenkwe. UJaco du Preez uzelve enobunzima obuziikhilogram ezi-2.9 kwiHermanus Medi-Clinic. Singwenela uLiesel nosapho lwakhe amathamsanqa odwa ngokuzalwa kukaJaco omncinane.

AMAZWI ENTUTHUZELO

Oogxa bethu ababini, uNormfanelo Sitemela, umncedisi kwiThala le-Ncwadi laseHermanus, kunye noMluleki, osebenza kwiGumbi lolawulo, baye bashiywa ngumama wabo ngokufa ngoLwesihlanu, umhla we-10 kuAgasti wama-2011. Masibabekeni emithandazweni kweli xesha leenzingo. Umama kaNozibele Batha usweleke ngoMvulo, umhla woku-1 kuAgasti wama-2011. Nabo nosapho lwakowabo masibabeke kwimithandazo yethu.

EZIHLELIWEYO

Kusapho lwase-Overstrand singabantu abathanda ukuncedana, kodwa sifanele sazi ukuba masincede ndawoni na. Xa isithuba sikhona, siya kuyifaka kwizibhengezo zePhambili. Qhagamshelana noNoluthando Zweni apha 8911 okanye kwiGroupwise.

IYATHENGISWA: iToyota Corolla – Yo-wama-2004; iilitha: 1400i; iikhilomitha: 168 000; Ikwimo entle kakhulu yaye ingcathu kakhulu nasemafutheni; Ixabiso: R70 000. Ukuba ufuna inkcazelo engakumbi nceda uqhagamshelane noLyle Tait apha 8151.

U-EMILY UYACHACHA

Oogxa bakaCeleste de Villiers weSebe leziThuthi baye benza baza bathengisa izonka ezinee-boerewors ngoLwesihlanu umhla wama-24 kuJuni wama-2011 ngenjongo yokumnceda ngeendleko zonyango ngokuphathelele uqhahqo lwe-ntombi yakhe u-Emily. Le ntawzana ineminyaka eli-12 ubudala u-Emily inesigulo sokugoba komnqonqo, esibangele ukugoba komnqonqo wayo kangangama-48°. Ngomhla wama-21 kuJuni wangeniswa esibhedlele ngenjongo yokugqahqwa komqolo wakhe, ekuthe ngelo xesha umnqonqo wakhe walungiswa ukusa kuma-22°. Ngoku unezikhonkwane ezincinane emqolo, into etheth' ukuba imeko yakhe noko ayinakuba mbi kakhulu. Sithetha nani nje noko uyachacha – loo nto ke iza kuthatha malunga neenyanga ezi-3, ukwanentsimbi yokumnceda. U-Anandi Geldenhuys, umlungelana-

nisi weprojekthi, unqwenela ukwenza ilizwi lombulelo ongazenzisiyo kuye wonk' ubani ngegalelo abenalo. Izonka neetumata namatswele aphekiweyo bezingumnikelo osuka kwaFruit & Veg nakwa-Hannes Hanekom. Iisoseji zona ziye zosiwa ngamalela ebezijul' ijacu abaCimi-Mlilo baseHermanus, ngelixa zona izonka zeeseji ziqatywe zaza zenziwa ngamanenekazi eSebe leziThuthi. Sikwazile ukuqokelela i-R1 700 esiza kuligqithisa kusapho.



Emily de Villiers

NDLELA-NTLE BARBARA

Ekupheleni kuka-Agasti siza kube sisithi ndlela-ntle komnye woogxa bethu. UBarbara Pearson, oSisandla (PA) sika-Stephen Müller, uyasishiya esiya kumaxweme asemazantsi e-Ostreliya.

UBarbara kunye nosapho lwakhe baza kufudukela e-Ostreliya ekuqaleni kuka-Septemba kwaye baza kuhlala e-Ade-laide, elikomkhulu loMzantsi Ostreliya.

Ngokutsho kukaBarbara imfuduko asiyondlwan' iyanetha. "Iliqela imiqobo; kodwa ke ekugqibeleni kubakho iziqhamo ezihle kusapho."



Barbara Pearson

Uyana kaBarbara uza kuqala ibanga loku-Grade 1 kunyaka ozayo. "Ibisoloko iliphupha lethu into yokuya e-Ostreliya xa uyana wethu equalisa isikolo," utsho. Ngenene, elo phupha ngoku sele kumbovu ukuba lifezekiswe.

Abaziva yimincili ngale mfuduko yaye iingqondo azisekho apha ngoku kunoko zikobo bomi butsha. "Sinelizwe elitsha ekufuneka silikhenkethe silikh' amakhene kwanamasiko neenkubeko ekufuneka sizazile. Kona-kona le nto ingumngeni omkhulu kwaye silijonge ngamahlw' abomvu. Kodwa ininzi into esiza kuyikhumbula apha: Ndizenzele abahlobo abaninzi gqitha kolu sapho lukaMasipala wase-Overstrand," utsho uBarbara.

UBarbara uxelenge iminyaka emine kulo Masipala wase-Overstrand; emithathu enesiqingatha kuloo minyaka ubesisandla soMlawuli weziSeko zoPhuhliso noCwangciso. Simnqwenelela yena nosapho lwakhe amathamsanqa odwa kweli qalo litsha.



Johan and the adjudicators

I-OVERSTRAND INGENELA UKHUPHISWANO LWEYONA DOLOPHU ILUHLAZA

Umphathi wethu othandwayo nonobuhlobo wocwangciso lolawulo lwenkunkuma, uJohan van Taak, ebesentweni ngoMvulo umhla we-18 kuJulayi wama-2011 xa igqiza elihlola Eyona Dolophu iLuhlaza belihlola ummandla wethu ukwenzela uKhuphiswano lweYona Dolophu iLuhlaza (GMC).

Ngokutsho kukaJohan izinto ezijongwa yiGMC namanqaku ayo eme ngolu hlobo:

- ULawulo lweNkunkuma - 45%;
- Ukusetyenziswa Kakuhle Kombane Nolondolozo - 15%;
- Ukutyala kwemithi nobuhle - 15%;
- Amanzi Nolawulo Lomgangatho Womoya - 20%;
- Kwaneenkokeli, Amalungiselelo Amaziko Nothatho-nxaxheba Loluntu - 5%.

"Eyam indima ibikukuqokelela izinto ukuze zihlolwe. Kuye kwalunywan' iindlebe nabo bonke ababandakanyekayo kumasipala ukuze amalungu esi sigqeba afumane yonke inkcazelo ayifunayo," uJohan uxelele iPhambili.

Umasipala uye wafumana iphepha le-mibuzo kwangaphambili yaye isebhe ngalinye kuye kwafuneka lizalise imibuzo elibandakanyayo.

Esi sigqeba siye sachitha iiyure ezine okanye ezimbini libuza imibuzo laza laphuma namagosa ukuya kuzibonela ngokwalo.

Ngoku uJohan kunye nathi xa sisonke kuba kufuneka silinde de kube ngu-Okto-bha, xa kuya kwaziswa abo baphumelele-leyo.

ONYULIWE AMAGOSA ESAMWU AMELA ABASEBENZI

Bebegabaninanga kuyaphi abantu abezimise intlanganiso ebicetyelwe ukonyula amagosa amatsha amela abasebenzi eSAMWU kummandla waseHermanus, ebanjelwe eholweni ngomhla we-13 kuJulayi wama-2011.

Aye abuya edane eyinko amalungu amaninzi esakubona imbinana yamalungu awo abezimise le ntlanganiso, naleyo ke ibifana nokukhalel' ubisi oluphaleleyo. Wambi amalungu ebenoloyiko lokuba ngenxa yokulambatha komdla okukhoyo, amalungu eSAMWU angahle anciphe kungekudala nto leyo engabangela ukuba ingabi nalizwi livakalayo ekusombululeni imiba yezabasebenzi. Bambi kwabo bebekho bathe abasawuthembanga umbutho wabo.

Kukho iintetho ezithi amanye amalungu azimanye neImatu ngenxa yokungaxolisi ncam; akukho mntu unolwazi ke ngonobangela okwangoku. Ukungazinyaswa kwale ntlanganiso akuwathibazanga amalungu ukuba avotele amagosa awo amatsha amela abasebenzi.

Abebequzelela olu lonyulo ibingusihlalo wephondo weSAMWU uJady Damons nomququzeleli wengingqi uMario Jacobs.

Bagabule izigcawu ngokucacisa inkqubo kumalungu ebekho baza bathi intlanganiso elolu hlobo ayifuni kungayaziswa sisininzi samalungu. Bathe ngenxa yokuba le ngingqi ibonise ukuba inani lamalungu liya lisanda



Theo Olivier



Nomonde Nkanunu

ngokomgaqo-siseko, baza kuvumela ukonyulwe abantu ababini njengamagosa amela abasebenzi. Emva kokuba wonk' ubani exolile yile ngcaciso lwaqala ulonyulo.

Le intlanganiso yohlulwa ngokwamaqela amabini, amadoda nabasetyhini – ngalinye kwafuneka lonyule umgqatswa walo kwingingqi yaseHermanus. Amakhosikazi wona anyula uNomonde Nkanunu ngelixa amadoda wona athi aphinda onyula uTheo Olivier.

UTheo noNomonde bafungiswa ngokusesikweni baza babhengezwa njengamagosa amatsha amela abasebenzi kummandla waseHermanus.

Emva kokubekwa kwabo, akukho nto ingako eyathethwayo, ekubeni le ibiyintlanganiso ekhethekileyo yokonyula amagosa amatsha amela abasebenzi yaza yakuqunjelwa ke intlanganiso.

APPOINTMENTS & PROMOTIONS

ABAQESHIWEYO NGOJULAYI WAMA-2011

Nkszn. M.P. Bouwer	Umncedisi Jikelele: Imiyezo
Mnu. T.P. Siegels	Umncedisi Jikelele: Izitrato Namanzi Ezikhukula
Mnu. C. Jara	Umncedisi Jikelele: Izitrato Namanzi Ezikhukula
Mnu. P. van Wyk	Umncedisi Jikelele: Izitrato Namanzi Ezikhukula
Nkszn. A. Nyabasa	Umncedisi Jikelele: Umcoci
Nkszn. T. Boto	Umncedisi Jikelele: Umcoci

ABANYUSELWEYO NGOJULAYI WAMA-2011

Mnu. T. Nofemela	Umqhubi Welori: Imiyezo
Mnu. T.P. Bango	Umlawuli Wabaqhubi: Imiyezo
Nkskz. R. Rust	Umphathi Weencwadi Zemali Ophezulu: Imivuzo YaseHermanus

ABAZALWA KWINYAGA KA AGASTI

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Nel, De Wet Rudolph	1	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Carolus, Gert	1	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Windvoel, Pietie	1	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Beukes, Ronel Karin	2	Ulawulo Lommandla	Hermanus
La Cock, Catharina	2	Ezemali	Hermanus
Keyzer, Santie	2	Ulawulo Lwababoneleli Beenkonzo	Hermanus
Greeff, Tania	2	Iinkonzo Zokhuselo	Gansbaai
Kima, Lungisa	2	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Opperman, Moira Denise	2	Usodolophu	Gansbaai
Theart, Aileen Alice Elaine	3	Ucando Lwedolophu	Hermanus
Smit, Ebert	3	Ezobugcisa	Hermanus
Ponoane, Teboho	3	Ezemali	Hermanus
Arendse, Raywill Ashley	3	Ulawulo Lommandla	Stanford
October, Denvor Jacques	4	Iinkonzo Zokhuselo	Stanford
Davids, Vernon Richard	5	Ezemali	Hermanus
Van Antwerp, Hendrina Helena	5	Ucando Lwedolophu	Hermanus
Theunissen, Andrias Phillipus	5	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Kroukamp, Irene Mirinda	5	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Rauch, Lee-ann	6	Iziseko Zophuhliso Nocwangciso	Hermanus
Malan, Annari	6	Ulawulo Lommandla	Hermanus
Malote, Voyulwetu	6	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Olivier, Hendrik	6	Ucando Lwedolophu	Hermanus
Joemat, Piet	6	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Du Plessis, Lorion Chantal	7	Ezemali	Hermanus
Van Wyk, Joseph	7	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Charles, Elzene	8	Ezemali	Hermanus
Molfert (Dickson), Esmerelda Venetia	9	Ezemali	Hermanus
Lerm, Mageret Dorothea	9	Usodolophu	Hermanus
Seconna, Celeste	10	Ezemali	Hermanus
Venter, Andries Johannes	10	Iinkonzo Zokhuselo	Hermanus
Ncanda, Sibongile	10	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Mouton, Heleen	12	Ulawulo Lwezabasebenzi	Hermanus
Floors, Willem Fanus	12	Ulawulo Lommandla	Kleinmond
Forry, Daniel James	12	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Van Der Berg, Junet	12	Ulawulo Lommandla	Gansbaai
Sameuls, Kenneth Anthony	12	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Hartog, Japie	12	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Stemela, Nkosinathi Samuel	13	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Newman, Hendrik	13	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Temmers, Calvin John	13	Iinkonzo Zombane	Gansbaai
Saunders, Glenda Louise	14	Iinkonzo Zoluntu	Hermanus
Phiri, Bonakele Carlos	14	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Kula, Nelson Bongani	15	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Dayimani, Mthelele	15	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Grobler, Hugh-Daniel	15	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Thonjeni, Malibongwe	16	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Mbane, Bulelwa	17	Iinkonzo Zokuhlala	Hermanus

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Lucas, Nico	17	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Jizani, Xolile	17	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Madlavule, August Sikhungo	18	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Hooneberg, Elizabeth	18	Ezemali	Hermanus
Windvoel, Ellen	18	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Pie, Marilyn	18	Mayor	Hermanus
Hendricks, Frances Ada Gertruida	18	Area Management	Stanford
Van Zyl (Wessels), Edna	18	Area Management	Gansbaai
Hendricks, Daniel	19	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
De Rhoode, Tasneem	19	Management Services	Hermanus
Visser, Johannes Adriaan Jacobus	19	Management Services	Hermanus
Arendse, Adrian Elcardo	19	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Antonie, Susanna	19	Area Management	Kleinmond
Kapot, Rudolph	20	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Stevens, Patrick	20	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Siegelaar, Demas	20	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Tebele, Nomasithembe Portia	20	Finance	Hermanus
Fitzgerald, Belinda Corrie	20	Finance	Hermanus
Rossouw, Christina Cornelia	20	Umphathi Kamasipala	Hermanus
Stander, Chris	21	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Jansen, Dean Hilary	21	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Salies, Bradley Marco	21	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Borello, Martha Maria	21	Ulawulo Lommandla	Hermanus
Stanley, Davelin Lorraine	21	Iinkonzo Zokhuselo	Hermanus
Bernadus, Quinton Cornelius	21	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Hendricks, Wiseman	22	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Paulse, Samuel	23	Ezemali	Hermanus
Suku, Sizwe	23	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Simson, John Charles	24	Iziseko Zophuhliso Nocwangciso	Hermanus
Stewart, Danville Ashley	24	Iinkonzo Zombane	Kleinmond
Ward, James Johannes	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Vries, Edward John	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Willemse, Samuel	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Konzapi, Masibulele Alex	26	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Coetsee, Anton	26	Uceba	Hermanus
Basson, Grobler Jacobus	26		Hermanus
Nofemela, Thembuxole	27	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Steneveld, Mark Anthony	28	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Lukas, Marquine Virjalle	28	Ezemali	Hermanus
Adams, Paul	29	Iprojekthi Zomsebenzi	Hermanus
Arendse, Berenice Naomi	29	Iinkonzo Zokuhlala	Hermanus
Potgieter, Magdalena Wilhelmina	29	Umphathi Kamasipala	Hermanus
May, David	29	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Masiko, Xolisa	29	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Crafford, Dirk	30	Iinkonzo Zoluntu	Gansbaai
Mandindi, Caroline Qondiswa	30	Usodolophu	Hermanus
Mitchell, Clinton Margot	31	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond